

Edition 118  
IsiXhosa, English

## Relax and read!

Are you already saying, "I don't know where 2016 has gone!" as you plan all the things you want to do during the end-of-year holidays? After a busy year, it's good to know that you will be able to spend some time relaxing and being with family and friends.

Having more time to relax also means we have more time to spend with books. And the best thing is that while we're enjoying doing this, our children are benefitting too! When your children see you relaxing with a book, they learn that reading is something you do for pleasure. They learn that reading is something that can be done for leisure. And so, without even realising it, you are being a powerful reading role model for your children and helping them to become lifelong readers.

During the holiday season we often spend money on entertainment and gifts for our children. Don't forget to include a book or two on your shopping list. You can give a book as a Christmas gift or to celebrate another holiday. You could also buy a book about starting school for a child going to Grade R or 1 in 2017. Or you could give a book to show your children that you have noticed how hard they have tried to do something at home during the year, or how hard they have worked at school. When you give a book as a gift, you invest in the future of a child! You'll encourage them to read and give them hours of pleasure at the same time because good books can be enjoyed over and over again!

The holidays also mean that we have more time to spend with our children – and this is the real reward for them. We have time to spend reading their favourite stories with them, but also time to try out books by new authors together. We can read in places that we don't usually read, like under a tree during a picnic, or on the beach. We can change chore times into story times when we let a family member read aloud from their favourite book while others are preparing meals or cleaning up afterwards.

Whatever you do and wherever you are this holiday season, relax, read and have a fabulous story-filled holiday!

## Ziphumlele ufunde!

Ingaba sele usithi, "Andiwazi utshone phi na lo nyaka wama-2016" njengokuba ucwangcisa zonke izinto onqwenela ukuzenza ngexesha leeholide zokuphela konyaka? Ekupheleni konyaka oxakekileyo, kumnandi ukwazi ukuba uza kubanalo kusini na ixesha lokuphumla uhlale nosapho nabahlobo.

Xa sinexesha elininzi lokuphumla kuthetha ukuba sinexesha elininzi esinokulisebenzisa ekufundeni iincwadi. Eyona nto imnandi ke yeyokuba lo gama sisonwabela ukwenza oku, nabantwana bethu bayazuzisa! Xa abantwana bakho bekubona uziphumlele nencwadi, bafunda ukuba ukufunda yinto eyenzelwa ukuzonwabisa. Kananjalo bafunda ukuba ukufunda yinto eyenzelwa ubumnandi ngexesha lempolo. Ngolo hlobo, ungaqondanga nokuqonda, ungumzekelo wokufunda onempembelelo ebantwaneni bakho kwaye ubanceda ukuba babengabafundi ubomi babo bonke.

Qho ngexesha leeholide zokuphela konyaka sichitha imali eninzi ekonwabiseni nasekuthengeleni abantwana bethu iziphu. Uze ungalibali ukuquka incwadi enye okanye ezimbini kolo luhlu lwakho lwezinto oza kuzithenga. Ungabapha incwadi njengesipho seKrisimesi okanye xa kubhiyozelwa enye nje iholide. Kananjalo ungathengela umntwana oza kufunda iBanga R okanye iBanga 1 konyaka wama-2017 incwadi emalunga nokuqala isikolo. Okanye ungabapha iincwadi abantwana bakho ukubabonisa ukuba uziqaphele iinzame zabo zokusebenza ekhaya apha enyakeni, okanye uziqaphele indlela abasebenze nzima ngayo esikolweni. Xa unikezela incwadi njengesipho emntwaneni, uhlwayela imbewu yekamva eliqaqambileyo kuloo mntwana! Uza kubakhuthaza ukuba bafunde kwaye ubanika iiyure zolonwabo kwangaxeshanye kuba iincwadi ezimnandi ziyaphindaphindwa ukufundwa, zonwatyelwe nokuba kukangaphi na!

Ixesha leeholide lisekwathetha ukuba sinexesha elininzi lokuhlala nabantwana bethu – kwaye ke oko kulibhaso elikhulu kubo. Sinexesha lokuhlala nabo sibafundela awona mabali bawathandayo, kodwa kananjalo eli isekwalixesha lenu xa ninonke lokufunda iincwadi ezibhalwe ngababhali abatsha neningazange nazifunda iincwadi zabo. Singafundela nakwiindawo esingaqhelanga kufundela kuzo, umzekelo phantsi komthi ngexesha lepikniki, okanye ebhitshini. Singatshintsha namaxesha okwenza imisetyenzana yasekhaya abe ngamaxesha amabali apho sivumela ilungu losapho lifunde ngokuvakalayo eyona ncwadi liyithandayo lo gama abanye belungiselela isidlo okanye beqoqosha becooca emva kwesidlo.

Nokuba wenza ntoni na kwaye nokuba uphi na ngeli xesha leeholide zokuphela konyaka, phumla, ufunde ze ube neeholide ezimnandi nezixakathe amabali!



Drive your imagination

Story Power.  
Anywhere. Anytime. Anyone.  
Naphi na. Nanini na. Nabani na.



# 20 fun holiday ideas



# Iingcebiso ezingama-20 zokuzonwabisa ngexesha leeholide

Here are some activities that incorporate reading and writing to keep your children busy and entertained during the school holidays. The idea is to enjoy yourselves, so use the language/s you and your children feel most comfortable with.



Nantsi eminye yemisetyenzana ebandakanya ukufunda nokubhala yokugcina abantwana bakho bexakekile kwaye bonwabile ngexesha leeholide zesikolo. Eyona nto iphambili yeyokuba nonwabe, ngoko ke sebenzisa ulwimi/iilwimi oziva wena kunye nabantwana bakho nisonwaba xa nizisebenzisa.

**1 Try something new.** Try reading a book or story written by an author whose books you've never read before. Or try reading a non-fiction book about a topic that is new to you.

**1 Zama into entsha.** Zama ukufunda incwadi okanye ibali elibhalwe ngumbhali ongazange ngaphambili wazifunda iincwadi zakhe. Okanye zama ukufunda incwadi engeziganeko zokwenene nemalunga nomxholo omtsha kuwe.

**2 Tweet a book.** Invite your children to write a review of their favourite book using only 140 characters.

**2 Bhala isigxeko-ncomo sencwadi kuTwitter.** Mema abantwana bakho babhale isigxeko-ncomo seyona ncwadi bayithandayo besebenzisa oonobumba neziphumlisi ezili-140 kuphela.

**3 Make some puppets.** Make a finger puppet for each of the characters in a story you all enjoy. Then retell the story together using the finger puppets ... and make up your own new story that includes some or all of them!



**3 Yenzani iipapethi.** Yenza ipapethi yeminwe ngomlinganiswa ngamnye okwibali enilonwabelayo ninonke. Emva koko libaliseni kwakhona elo bali nonke nisebenzisa iipapethi zeminwe ... ze ke niqambe elenu ibali elitsha eliquka abanye babo balinganiswa okanye elinabo xa bebonke!

**4 Can you find it?** Sometimes during the holidays, we have to hang around and wait – like in the supermarket queue or at a restaurant. Keep your children from becoming bored by asking them to find different words or signs around them. For example, at a restaurant, you could ask them to find the name of the restaurant; a sign that has the word "please" on it; a sign that shows the way to the bathrooms; an "exit" sign; something on the menu that has a vegetable in it; something on the menu that is sweet; the list of things on the menu that you drink; something on the menu that they've never eaten before; and a dessert that does not have chocolate in it.

**4 Ungayibhaqa?** Ngamanye amaxesha ngexesha leeholide, kufuneka sime silinde – njengasetyhweni evenkileni okanye erestyu. Benze abantwana bakho bangakruquki ngokubacela ukuba bafumane amagama ahlukileyo okanye iimpawu ezibangqongileyo. Umzekelo, erestyu, ungabacela ukuba bakhangele igama lereestyu leyo; uphawu ekubhalwe kulo igama elithi, "akutshaywa", uphawu olwalatha indlela eya kumagumbi angasese; uphawu olukubonisa apho "kuphunywa" khona; ukutya okuthile okunemifuno kwimenyu; ukutya okuthile okuswiti kwimenyu; uluhlu lweziselo kwimenyu; into eningazange nayitya ngaphambili kwimenyu; kwakunye needizethi ezingagalelwanga tshokolethi phakathi koludwe lweedizethi.

**5 Make cards.** There are lots of special celebrations at the end of a year and the beginning of a new one that we can make cards for. Spend time together making greeting cards for the special people in your lives for one or more of these celebrations.

**5 Yenzani amakhadi.** Kukho imibhiyozo ekhethekileyo emininzi kakhulu ekupheleni konyaka nasekuqaleni konyaka omtsha nesinokuyibhiyozela ngokwenza amakhadi. Chithani ixesha nisenzela abantu abakhethekileyo abasebomini benu amakhadi emibuliso okubhiyozela omnye okanye eminye yale mibhiyozo mininzi.

**6 Add some words.** Choose a wordless picture book with your children and then challenge them to use the pictures to make up as many different stories as they can!



**6 Yongezani amanye amagama.** Khetha incwadi yemifanekiso engenamagama kunye nabantwana bakho uze ubacele umngeni wokuba basebenzise imifanekiso leyo ukuqamba amabali amaninzi kangangoko banako!

**7 Read a story anywhere.** Enjoy stories in your home language on your cellphone by going to the Nalibali mobsite: [www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi).

**7 Fundela ibali naphi na.** Yonwabela amabali ngolwimi lwakho lweenkobe kwiselula yakho ngokundwendwela kwimobhisayithi yakwaNalibali kule dilesi: [www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi).

**8 Tell them you love them.** Invite your children to write down three things that they like and appreciate about a family member or a friend – and then give the note to that person to keep!

**8 Baxebele ukuba uyabathanda.** Mema abantwana bakho ukuba babhale izinto ezintathu abazithandayo nabazibulelayo ngelungu losapho okanye umhlobo – baze banike loo mntu eso sibhiliwana ukuba asigcine!

**9 From letters to words.** When you are on a road trip or stuck in traffic, keep your children entertained by asking them to think of a word that begins with each of the letters on another vehicle's registration plate – and then trying to use as many of these words as possible in one sentence!



**9 Ukusuka koonobumba ukuya emagameni.** Xa nisenleleni nihamba ngemoto okanye nimi ngxi kwingxinano yezithuthi, gcina abantwana bakho bonwabile ngokubacela ukuba bacinge ngegama eliqala ngoonobumba ababhalwe phambi kwenombolo yesithuthi esiphambi kwenu – baze bazame ukusebenzisa uninzi lwaloo magama kwisivakalisi esinye!

**10 Create a story wheel.** On the largest sheet of paper you can find, draw a large circle and then divide it into six equal segments – like an orange. Decide who will start off the story. Ask this person to write the beginning of the story in one of the circle segments – it doesn't matter which segment they write in. (They could also draw a picture, if they are not able to write or if they only want to write a few words.) Then someone else writes the next part of the story in the circle segment to the right of where the story was started. Carry on writing the story in the circle segments, until it is finished. Don't forget to decide together on a suitable title for your story and then enjoy reading it together.

**10 Yenzani ivili lebali.** Kolona xwebhu lukhulu lwephepha onokulufumana, zoba isangqa esikhulu uze usahlule kathandathu ngokulinganayo – njengeorenji. Gqibani ngokuba ngubani oza kuqalisa ibali. Celani loo mntu uza kuqalisa ibali ukuba asibhale isiqalo sebali kwesinye isahlulo esikwisangqa – akukhathaliseki nokuba babhale kwesiphi na isahlulo. (Banakho nokuzoba nje umfanekiso kuso, ukuba abakwazi ukubhala okanye ukuba bafuna ukubhala amagama ambalwa.) Emva koko kulandela omnye oya kubhala inxalenye elandelayo yebali kwisahlulo esisekunene kweso sokuqala kwebali. Qhubani nibhala ibali kwizahlulo ezikwisangqa, nide niligqibe. Ningalibali ukuthatha isigqibo malunga nesihloko esifanelekileyo sebali lenu nize nonwabele ukulifunda nonke.



**11 Design a cover.** Invite your children to design a new book cover for their favourite storybook so that it reflects their understanding and love of the story.

**11 Yilani iqweqwe (umkhavarisho).** Mema abantwana bakho ukuba bayile iqweqwe elitsha leyona ncwadi yamabali bayithandayo neliya kubonakalisa okanye licacise indlela abaliqonda nabalithanda ngayo ibali.

**12 Have a word hunt.** Find the names of people, places or your favourite food in a newspaper or magazine.

**12 Zingelani amagama.** Khangelani amagama abantu, aweendawo okanye awokona kutya nikuthandayo kwiphephandaba okanye kwimagazini.



**13 Make an alphabet book.** Do this with your younger children or invite your older children to make one for a younger sibling or baby you know. Write each letter of the alphabet on a separate sheet of paper. Then draw or find pictures of familiar things for each letter, for example, an Aloe or aardvark for "A".




**13 Yenzani incwadi yealfabhethi.** Le ncwadi yenze nabantwana bakho abancinane okanye mema abantwana bakho abadalana benzele abantwana abancinane bakomawabo okanye usana enilwaziyo. Bhala unobumba ngamnye wealfabhethi kuxwebhu lwephepha olwahlukileyo. Emva koko zoba okanye ukhangele imifanekiso yezinto eziqhelekileyo ezihambelana nonobumba ngamnye, umzekelo, unobumba "A" uhambelana neApile okanye Amasi.

**14 Create an instant book club.** Set aside some time each week over the holidays to talk to family members and/or friends about books you are reading or have enjoyed. Include everyone – from young children to grannies and grandpas in the discussion.

**14 Yilani iklabhu yokufunda ekhawulezileyo.** Bekelani bucala ixesha elithile qho ngeveki kwezi holide neniza kuncokola ngalo namalungu osapho kunye/ okanye nabahlobo ngeencwadi enizifundayo okanye enizonwabeleyo. Kuloo ngxoxo, qukani wonke umntu – ukususela emntwaneni omncinane ukuya koomakhulu nootatomkhulu.

**15 Play book games.** Think of games to play like "story charades". In this game, you work in pairs or larger teams to mime a scene from a story everyone knows and then the other teams guess the name of the story. Or, let each of you draw your favourite book character and ask everyone else to guess who it is within 30 seconds.



**15 Dlalani imidlalo yencwadi.** Cingani imidlalo eninokuyidlala esekelwe ezincwadini "njengooqash-qash bamagama ebalini". Kulo mdlalo, nisebenza nizizibini okanye amaqela amakhulu ze nilinganise umboniso kwibali elaziwa nguye wonke umntu ze ke elinye iqela liqashele isihloko sebali elo. Okanye, umntu ngamnye kuni makazobe umlinganiswa othile okweyona ncwadi ayithandayo ze kucelwe bonke abanye abantu baqashele ukuba ngubani na loo mlinganiswa kwisithuba semizuzwana engama-30 kuphela.

**16 Put it on a list.** Lists help us to remember things and to organise ourselves! Encourage your children to write a list of the things they would like to do during the holidays and let them tick them off as they do them. Or, suggest that after New Year, they write a list of the things they need in order to prepare themselves for the start of the new school year.

**16 Yibhaleni kuluhlu.** Izintlu zisinceda ukuba sikhumbule izinto kwaye senze neziwangciso ezibambekayo ngezinto esifuna ukuzenza! Khuthaza abantwana bakho babhale uluhlu lwezinto abangathanda ukuzenza ngexesha leeholide ze batikishe ezo bathe bazenza. Okanye, cebisa ukuba emva koNyaka Omtsha, mababhale uluhlu lwezinto abazifunayo ukuze bazilungiselele ukuqala unyaka omtsha wesikolo.



**17 Record your memories.** Together draw pictures, use photographs, cut out words from newspapers and magazines, and add your own words to create a poster that is called: **Our family memories from 2016.**

**17 Rekhodisha iinkumbulo zenu.** Ninonke zobani imifanekiso, nisebenzise iifoto, nisike ze nikhuphe amagama kumaphephandaba kunye nakwiimagazini nize nongeze nawenu amagama ukuyila ipowusta ebizwa ngolu hlobo: **Iinkumbulo zosapho lwehlu ukususela kowama-2016.**



**18 Act it out.** Choose a well-loved story with exciting characters and a strong story line. With your children, write down what each character says and let them choose who they want to be! Provide props like pieces of fabric, hats, shoes or clothes and act out the story.



**18 Yenzani ulingisa okanye umdlalo weqonga.** Khehthani ibali elithandwa luninzi lwabantu nelinabalinganiswa abathabathekisayo nelinomxholo onomdla kakhulu. Nabantwana bakho, bhalani phantsi ukuba umlinganiswa ngamnye kwelo bali uthini na, ze uvumele abantwana bakho bakhethe ukuba bafuna ukuba ngoobani na! Bonelela ngempahla esetyenziswa kwimidlalo yeqonga efana neziqwenga zamalaphu, iminqwazi, izihlangu okanye iimpahla zokunxiba ze ke kwenziwe udlaliso-qongeni lwelo bali.

**19 Create a menu.** Ask your children to imagine that they have invited their favourite storybook characters to lunch or for tea. Together write a menu of what you will offer them to eat and drink.

**19 Yakhani imenyu.** Cela abantwana bakho babenomfanekiso-ntelekelelo wokuba bameme abona balinganiswa babathandayo kwincwadi yamabali ethile ukuba baze kutya isidlo sasemini okanye baphunge iti kunye nabo. Ninonke bhalani imenyu yezityo neziselo eniza kubatyisa okanye nibaseze zona.

**20 Make bookworm bookmarks.** Cut a worm shape of about 15 cm long from some cardboard and paint it on both sides. (Instead of buying cardboard, use an old cereal or biscuit box!) Once the paint has dried, use a Koki to add eyes and a mouth. Then make a hole in the worm's tail and attach a piece of wool so that it will hang out of a book when your bookmark is used. Give the bookmarks as gifts, or keep them to use at home!



**20 Yenzani izalathisi-kufunda ezibumbungurha.** Sika imilo efana nombungu emalunga neesentimiitha ezili-15 ubude kwikhadibhodi uze uyipeyinte macala omabini. (Endaweni yokuthenga ikhadibhodi, sebenzisa ikhadibhodi endala yesiriyeli okanye yeebhiskiti!) Xa ipeyinti sele yomile, sebenzisa ikhoki ufakele amehlo nomlomo. Emva koko gaqobhoza umngxuma emsileni wombungu uze ufake umtya oza kujinga apha ngaphandle encwadini xa isalathisi-kufunda sakho sisetenziswa. Nikezela ngaso eso salithisi-kufunda sakho njengesipho, okanye usigcine ukuze usisebenzise ekhaya!

## NAL'IBALI ON RADIO!

Tune into the following radio stations to enjoy listening to stories on Nal'ibali's radio show!

**Ikwekwezi FM** on Monday, Wednesday and Friday at 9.45 a.m.

**Lesedi FM** on Monday, Tuesday and Thursday at 9.45 a.m.

**Ligwalagwala FM** on Monday to Wednesday at 9.10 a.m.

**Munghana Lonene FM** on Monday, Wednesday and Friday at 9.35 a.m.

**Phalaphala FM** on Monday to Wednesday at 11.15 a.m.

**RSG** on Monday to Wednesday at 9.10 a.m.

**SAfm** on Monday, Wednesday and Friday at 1.50 p.m.

**Thobela FM** on Tuesday and Thursday at 2.50 p.m., on Saturday at 9.20 a.m. and on Sunday at 7.50 a.m.

**Ukhozi FM** on Wednesday at 9.20 a.m. and on Saturday at 8.50 a.m.

**Umhlobo Wenene FM** on Monday to Wednesday at 9.30 a.m.

**X-K FM** on Monday, Wednesday and Friday at 9.00 a.m.



## UNAL'IBALI KUNOMATHOTHOLO!

Ngena, umamele ezi zikhululo zikanomathotholo zilandelayo ukuze wonwabele amabali kwinkqubo kaNal'ibali esasazwa kunomathotholo!

**KuIkwekwezi FM** ngoMvulo, ngoLwesithathu nangoLwesihlanu ngo-9.45 kusasa.

**KuLesedi FM** ngoMvulo, ngoLwesibini nangoLwesine ngo-9.45 kusasa.

**KuLigwalagwala FM** ngoMvulo ukuya ngoLwesithathu ngo-9.10 kusasa.

**KuMunghana Lonene FM** ngoMvulo, ngoLwesithathu nangoLwesihlanu ngo-9.35 kusasa.

**KuPhalaphala FM** ngoMvulo ukuya ngoLwesithathu ngo-11.15 kusasa.

**KuRSG** ngoMvulo ukuya ngoLwesithathu ngo-9.10 kusasa.

**KuSAfm** ngoMvulo, ngoLwesithathu nangoLwesihlanu ngo-1.50 emva kwemini.

**KuThobela FM** ngoLwesibini nangoLwesine ngo-2.50 emva kwemini, ngoMgqibelo ngo-9.20 kusasa nangeCawe ngo-7.50 kusasa.

**KuUkhozi FM** ngoLwesithathu ngo-9.20 kusasa nangoMgqibelo ngo-8.50 kusasa.

**KuUmhlobo Wenene FM** ngoMvulo ukuya ngoLwesithathu ngo-9.30 kusasa.

**KuX-K FM** ngoMvulo, ngoLwesithathu nangoLwesihlanu ngo-9.00 kusasa.





## Get story active!

Here are some ideas for using the two cut-out-and-keep books, *Amazing Daisy!*, (pages 5, 6, 11 and 12) and *Zama and the clean-enough-stuff* (pages 7, 8, 9 and 10), as well as the Story Corner story, *The best, best friend* (page 14). Choose the ideas that best suit your children's ages and interests.

### Amazing Daisy!

This is a story about believing in yourself and following your dreams. It is about a chicken, Daisy, who wants to be able to fly high up in the sky.



Discuss these questions with your children.

- ☉ In the beginning the other chickens said Daisy was weird to want to fly high into the sky. Do you think she was weird to want to do this? Why/why not?
- ☉ Why do you think Daisy kept trying to fly high even when she wasn't yet able to and the others kept telling her she wouldn't be able to fly high?
- ☉ Daisy learnt to fly high. What else do you think she learnt?



Together write down something you would like to ask or say to the other chickens in the story, to Mama and to Daisy.



Can you make up another title for this story?



Invite your children to think about something they would really like to be able to do when they grow up. Then suggest that they draw a picture like the one on page 5 of the story, to show themselves now and themselves as an adult doing the thing they thought of.



## Yenza ibali linike umdla!

Nazi ezinye zeengcebiso onokusebenzisa ngazo iincwadi ezimbini onokuzisika-ze-uzigcine, u-*UDaisy omangalisayo!* (okwiphepha le-5, ele-6, ele-11, nele-12) kunye no*UZama kunye nezinto ezicoceke ngokwaneleyo* (okwiphepha le-7, ele-8, ele-9 kunye nele-10) kwakunye neBali leNdawo yamaBali, u*Oyena-yena mhlobo ndimthandayo* (okwiphepha le-15). Khethe ezo ngcingane zifanele ubudala nemidla yabantwana bakho.

### UDaisy omangalisayo!

Eli libali elimalunga nokuzithemba kunye nokunganikezeli ngephupha lakho. Limalunga nentshontsho lenkukhu, uDaisy, owayefuna ukubhabha antingele esibhakabhakeni.

Xoxani ngale mibuzo nabantwana bakho.

- ☉ Ekuqaleni amanye amantshontsho enkukhu ayesithi uDaisy uneminqweno nezimbo ezingaqhelekanga ngokufuna ukubhabha antingele esibhakabhakeni. Wena, ucinga ukuba wayenezimbo neminqweno engaqhelekanga ngokufuna ukwenza oku? Kutheni ukungqina oko/kutheni ukuphikisa oko?
- ☉ Ucinga ukuba kwakutheni ukuze uDaisy athi gqolo ezama ukubhabhela phezulu nangona wayengekakwazi abe amanye amantshontsho emxelela ukuba akasoze akwazi ukubhabha antingele phezulu?
- ☉ UDaisy wakufunda ukubhabhela phezulu. Ucinga ukuba yintoni enye awayifundayo?



Ninonke bhalani phantsi umbuzo eninqwenela ukuwubuzisa okanye into eninqwenela ukuyixelela amanye la amantshontsho asebalini, kuMama kunye nakuDaisy.



Ungakwazi ukunika eli bali esinye isihloko?



Mema abantwana bakho ukuba bacinge ngento abanqwenele ngokwenene ukukwazi ukuyenza xa bebadala. Emva koko bacebise ukuba bazobe umfanekiso ofana nalowo ukwiphepha le-5 ebalini, bebonisa ukuba bakhangeleka njani ngoku kwaye beza kukhangeleka njani ngexesha abaya kuba bengabantu abadala ngalo besenza loo nto bayicingileyo.



### Zama and the clean-enough-stuff

In this story, when things don't turn out as the Grade 6 teacher, Mrs Dlamini, had planned, Zama is able to persuade her and the rest of the class to join in with her good idea.



Discuss the following questions with your children.

- ☉ Zama is really good at solving problems! Can you think of all the different problems she solved in the story?
- ☉ Do you think problem solving is a useful skill? How could you use it in your life?
- ☉ Can you think of other solutions to the problem of the papier-mâché that didn't work?



Suggest that your children use waste materials to create puppets and then make up stories about them.



### UZama kunye nezinto ezicoceke ngokwaneleyo

Kweli bali, xa izinto zazingahambi ngendlela awayezicwangcise ngayo utitshala weBanga le-6, uNkosikazi Dlamini, uZama waphumelela ukumcenga ukuba yena neklasi yonke balamkele icebo lakhe.

Xoxani ngale mibuzo nabantwana bakho.

- ☉ UZama uyincutshe ekusombululeni iingxaki! Ungacinga ngazo zonke iingxaki ezahlukileyo azisombululeyo ebalini?
- ☉ Ucinga ukuba isakhono sokusombulula iingxaki sisakhono esiluncedo? Ungasisebenzisa njani kobakho ubomi?
- ☉ Ungacinga ngezinye izisombululo kwingxaki yentlama yephepha eyayingasebenzi?



Cebisa abantwana bakho basebenzise izinto ezilahlweyo ukwenza iipapethi baze baqambe ze babalise ibali ngazo.

### The best, best friend

Layla and Shireen are best friends, but Shireen always has to be the best at everything – and this almost ruins their friendship.



This story provides lots of opportunities to talk about friendship and what it means to be a good friend. Discuss with your children the ways in which Layla is a good friend to Shireen and how Shireen sometimes takes advantage of this.



Draw a picture for a part of the story that interests you, but that is not already illustrated.



Make your own puzzle! Cut a picture out of a magazine or newspaper – or draw your own. Glue the picture onto a piece of cardboard and draw lines on it to divide it into the number of pieces you want your puzzle to have. Now cut along the lines. Mix up the pieces and build your puzzle or give it to a friend to build.



### Oyena-yena mhlobo ndimthandayo

ULayla kunye noShireen yayingabona bahlobo basenyongweni, kodwa uShireen wayesoloko efuna ukuba yincutshe kuyo yonke into – kwaye oko kwaphantse kwabutshabalalisa tu ubuhlobo babo.

Eli bali linika amathuba amaninzi okuthetha ngobuhlobo kunye nokuba kuthetha ukuthini ukuba ngumhlobo wokwenene. Xoxa nabantwana bakho ngeendlela uLayla abonakalisa ubuhlobo bokwenene ngazo kuShireen kwakunye nendlela uShireen amxhaphaza ngayo.




Zoba umfanekiso oya kuhambelana nendawo onomdla kuyo ebalini, kodwa loo ndawo ibe ingenawo umfanekiso osele uzotywe.



Yenza eyakho iphazili! Sika, ukhuphe umfanekiso kwimagazini okanye kwiphephandaba – okanye uzizobebe owakho. Wuncamathisele ngeglo lo mfanekiso kwikhadibhodi uze uzobe imigca kuwo ukuze uwohlule ube linani lamacandelo neziqwenga ofuna iphazili yakho ibe lilo. Emva koko ke sika ulandela loo migca. Xuba loo macetyana ephazili uze wakhe iphazili yakho okanye uyinike umhlobo wakho azidlalele.

### Create TWO cut-out-and-keep books

1. Take out pages 5 to 12 of this supplement.
2. The sheet with pages 5, 6, 11 and 12 on it makes up one book. The sheet with pages 7, 8, 9 and 10 on it makes up the other book.
3. Use each of the sheets to make a book. Follow the instructions below to make each book.
  - a) Fold the sheet in half along the black dotted line.
  - b) Fold it in half again along the green dotted line.
  - c) Cut along the red dotted lines.




### Zenzele iincwadana EZIMBINI onokuzisika-ze-uzigcine

1. Khupha iphepha le-5 ukuya kwele-12 kolu hlelo.
2. Uxwebhu olunamaphepha aqala kwele-5, ele-6, ele-11 nele-12 lwenza incwadi yokuqala. Uxwebhu olunamaphepha aqala kwele-7, ele-8, ele-9 nele-10 lwenza eyesibini incwadi.
3. Sebenzisa uxwebhu ngalunye kula mabini ukwenza incwadana. Landela imiyalelo engezantsi ukwenza incwadi nganye.
  - a) Songa uxwebhu phakathi kumgca wamachaphaza amnyama.
  - b) Phinda ulusonge phakathi kwakhona ulandela umgca wamachaphaza aluhlaza.
  - c) Sika ke ngoku ulandela imigca yamachaphaza abomvu.




“Soze ndikwazi ukubhabha!” wathela kuMama uDaisy. “Amanye amantshontsho anyanisi!”  
 “Daisy, wohlukile wena kwamanye amantshontsho enkukhu. Ona akafuni kubhabha, kodwa wena uyafuna! Ungakwazi ukubhabha,” watsho uMama.



“I’m never going to fly!” Daisy cried to Mama. “The others are right.”  
 “Daisy, you are different from the other chickens. They don’t want to fly, but you do! You can do it!” Mama said.

Once upon a time on a little farm near a little village, there lived a little chicken called Daisy.



Kudaladala kwifama encinane eyayikufutshane nelali encinane, kwakuhlala intshontsho lenkukhu elibizwa ngokuba nguDaisy.



The other chickens laughed out loud. “Ha, ha, ha! We told you! Chickens can’t fly!”  
 Amanye amantshontsho enkukhu amwa ngenisini. “Ha, ha, ha! Besikuxelele! Inkukhu azikwazi kubhabha!”



And the other chickens wanted to be just like her. They said, “Oh Daisy, you’re amazing!”

Ngoku namanye amantshontsho enkukhu ayenqwenela ukubhabha njengaye.

Athi, “Owu Daisy, uyamangalisa!”

“Bendisazi! Isikolo yinkcitha-xeshal! Akukho nto inomdla ikhe yenzeke?” wambombozela uLindiwe.

UZama wabona ukuba uNkosikazi Dlamini ukuvile oku. Wabona uqhakazilelo lusimka emehlweni akhe, kushiyeka udano lodwa.

Kusenjalo, uZama wafikelela licubo elihle kakhulu. Waphakamisa isandla sakhe, engakrazisa iminwe yakhe. UNkosikazi Dlamini wathi, “Ewe, thetha kamsiyane, Zama! Kufuneka sicoce bonke obu bumdaka ngokukhawuleza.”

“Khawume kancinci tishalakazi! Singawenza lo msibenzi,” watsho uZama. “Singasibenzisa ezuya zinto zilahlwe phaya ethafeni xa ushla ngenidla. Nceda usise khona. Singabenza abalinganiswa behu ngezuya zinto. Baza kohluka, kodwa baza kusibenza kakuhle kanye njengepapeethi zentlamal!”

Abantwana bafikelela ngumda kwakhona. UTebogo walixhasa eli cebo likaZama. “Ewe – ihle kakhulu eli cebo likaZama. Kananjalo singakhangela nasemakhaya ezinye izinto esimokuzisibenzisa.”

Ekuqaleni uNkosikazi Dlamini wayekhangeleka ethandabuzwa, kodwa wathi akubona indlela abachulumance ngayo abantwana wathi, “Mandiyi kwinqununu ndiyi kuqonda ukuba singakwenza na oko kuqala.”

“I knew it! Schools always useless! Nothing interesting ever happens,” Lindiwe muttered.

Zama saw that Mrs Dlamini had heard this. She saw the sparkle leave Mrs Dlamini’s eyes.


Suddenly, Zama had a brilliant idea. She shot her hand into the air, waving her fingers. Mrs Dlamini said, “Yes, be quick, Zama! We must tidy this mess away.”

“But please! We can still do this,” said Zama. “We can use that stuff dumped in the field down the road. Please take us. We can make characters from that. They will be different, but they will work just as well as the mushy puppets!”




The children brightened. Tebogo supported Zama. “Yes – Zama’s idea is great. We can also look at home for things to use.”

At first Mrs Dlamini looked a little unsure, but when she saw how excited the children were, she said, “Let me just go check with the principal.”

*Zama and the clean-enough-stuff*  
*UZama kunye nezinto ezicoceke ngokwawawo*




Fiona Jackson  
Diek Grobler



This story comes from *Stories that Talk 2*, Heartlines’ second collection of stories about values. For more information please email [orders@heartlines.org.za](mailto:orders@heartlines.org.za) or phone (011) 771 2540.

**HEARTLINES**  
The Centre for Values Promotion

Nal’ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark children’s potential through storytelling and reading. For more information, visit [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) or [www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)



UNal’ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa lokuvuselela oko abantwana banokukwazi ukukwenza ngokubalisa amabali nokufunda. Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) okanye ku-[www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)



She came back smiling. The children cheered. In the field they picked out clean-enough-stuff. They held bottles to the sunlight. They flapped bubble wrap like wings. They pulled out pieces of old sack, plastic and cloth. They jingled bottle caps. They tugged at pieces of string and old cables. They chatted and laughed as they imagined the waste changing into crowds of funny, strong, scary, wonderful characters.

Wabuya encumile. Abantwana bavuya bekhwaza, beqhamba izandla.

Ethafeni bachola izinto ezicoccke ngokwaneleyo. Babeziphakamisa phezu elangeni ibhotile. Bevuthulula iiplastiki zokusongela izinto, zingathi ngamaphiko. Batsala iziqwengana zengxowa endala, iiplastiki kunye namalaphu. Babektroxomisa iziciko zebhotile. Betsalatsala iziqwengana zemitya ncentambo zombane ezindala. Babencokola behleka njengokuba badenemifanekiso ntelekelelo yokugquhlwa kwenkunkuma isenziwa igquba labalinganiswa abahlkisasayo, abomleleyo, aboyikcakayo, nabamanqalisayo.


Bayicinezela. Bayityikila. Bayiqengqa. Kodwa loo ntama yayingancamatheli. Yayiphihlaka iwe kuphahla lwezo ngingo zithambileyo zabo, kancinane, kalusizi. Baphinda bazama. Baphinda bazame kwakhona.

“Andikwazi kuyenza le nto. Ayenzeki tu. Bububhanxa bodwa obu. Ndidikawe mna ngokul’ wambombozela watsho uTebogo. Wavuthulula iminwe yakhe edikwiwe. Indama yataka isuka esandleni sakhe yaya kuthi ngcu kwishiya likaZama. Uzama wamthi jezu ngomsindo uTebogo.

“Ndisaya kubiza uNkosikazi Dlamini?” watsho uLindiwe waze wabaleka wemka.

Wonke umntu wayesokola ukuncamathelisa loo ntama. Kwakuvakala nje izandi zomsindo, udano nonxunguphalo. Uzama wabona uNkosikazi Dlamini esiza ngakubo. Wayekhangeleka elusizi. Ukugala kwesi sifundo uNkosikazi Dlamini wayebonakalisa olukhulu uchulumanco nothakazelelo. Ngoku wayengathi yibhaloni egqabhukileyo, etsisa kancinci umoya. Uzama wayemsizela uNkosikazi Dlamini. Wayemthanda kakhulu lo tshatalakazi. Ngethuba wayenomonde nobubele ngakuye. Wayemthumela umsebenzi wesikolo ukuze awenze esekhaya kwaye wayemkhuthaza ukuba angathyahi.

UNkosikazi Dlamini waqhamba izandla zakhe ebabizela kuye abantwana. “Ndicela uxolo, bantwana bam. Andazi ukuba kutheni le ntama ingancamatheli. Bendigala nam ukuyenza. Kuza kufuneka ndiphinde ndijonge irecipi yayo. Kodwa ke okwalo mzuzu, yibani nibachaza abantu benu enibakhehleleyo ngokubhala ngabo ezincwadini zenu.” Abantwana bancwina. Babebuyela kwakwezo ncwadi zibadikileyo!



“STOP THAT!” Something stung Zama’s neck. She swung round and saw Tebogo grinning at her. “Stop that!” she hissed. But at least it was a distraction. School was so boring sometimes. Reading was great. Meeting school friends was fun. Swapping funny jokes and teasing boys was fantastic. But most lessons were boring.

Zama turned away from Tebogo to listen to Mrs Dlamini, who was saying, “... collect your papier-mâché. One tub per group. Go outside and make a puppet of an interesting person. Then each group must plan a show. Introduce your characters. Make them say and do things. Work out a short play. Okay, Zama, Lindiwe and Tebogo, you are Group 1. Come.”

Three weeks later, they held their show in front of all the Grade 6 classes, their teachers and the principal. Zama made Booth kick a soccer ball right through Mama Khulu’s window! Lindiwe made Mama Khulu chase him, shouting, all the way down the street. Tebogo had Nkosikazi Khuzwayo praising Booths “shooting” skills to the skies. Everyone laughed.

Mrs Dlamini walked to the front of the hall. With an enormous smile, she said, “You children are just wonderful! Zama, thanks so much for keeping our project fresh and for teaching us that wonderful opportunities can grow out of disasters!”

Emva kweeveki ezintathu, babamba umboniso wabo phambi kwazo zonke iiklasi zeBanga le-6, ootitshala babo kunye nenqununu yabo. Uzama wenza ukuba uBooth akhabe ibhola ukuze yophule ifestile kaMama uMkhulukazi! ULindiwe wenza ukuba uMama uMkhulukazi amsukele, emkhwaza ukuhla ngesitalato, emtyityimbisela unondyandywa wemvubu. UTebogo wenza ukuba uNkosikazi Khuzwayo abonge uBooth ngezakhono zakhe “zokukhaba” xa ekhabela ibhola esibhakabhakeni. Wonke umntu wahleka.

UNkosikazi Dlamini waya ngaphambili cholweni. Etsho ngoncumo olubanzi, wathi, “Nina bantwana bam niyamangalisa! Zama, enkosi kakhulu ngokuyenza ntsha iprojekthi kunye nokusifundisa ukuba kukho amathuba amangalisayo anokucela kwintlekele!”



They pressed. They rubbed. They rolled. But it would not stick. It dripped off the wire, slowly, sadly. They tried again. And again.

“I can’t do this. It’s not working. This is so stupid. I’m sick of it!” Tebogo growled. He flicked his fingers in frustration. Some paste flew off his hand and stuck to Zama’s eyebrow. Zama flashed Tebogo an angry look. “I’m getting Mrs Dlamini!” Lindiwe said and ran off. Everyone was struggling with their paste. Sounds of anger and frustration filled the air. Zama saw Mrs Dlamini walking towards them. She looked sad. When the lesson started, Mrs Dlamini had been full of energy. Now she looked like a balloon with the air puffing slowly out of it. Zama felt bad for Mrs Dlamini. She liked this teacher. When Zama had had to nurse her sick father, Mrs Dlamini had been very kind to her. She had sent work home for Zama and had encouraged her to keep going.

Mrs Dlamini clapped her hands to call them. “I am sorry, children. I do not know why the paste isn’t working. Making it is new to me. I will have to check the recipe. But for now, just describe your people in your books.” The children groaned. Back to boring old books!



Tebogo tried to work with the string and the stocking, but it drove him crazy! Then he saw a cooldrink bottle with a tennis ball next to it. The ball had a hole in it. He jammed the ball on top of the bottle for a head. Some bubble wrap made a cloak. He collected wire and took it home. His uncle helped him hammer holes in the middle of bottle tops which he then threaded onto the wire. He tied the bottle tops around the middle of the bottle. He unravelled string and glued it to the head, adding some small beads to the ends. Then he proudly presented imbongi Nkosikazi Khuzwayo!



UTebogo wazama ukusebenzisa imitya kunye neekawusi, kodwa oko kwakumphambanisa! Kusenjalo wabona ibhotile yesiselo kunye nebholo yokudlala intenetya ecaleni kwayo. Le bhola yayinomngxuma. Wathatha ibhola wayifaka emlonyeni webhotile ukwenza intloko. Wasebenzia iplastiki yokusongela izinto njengempahla. Waqokelela ucingo waza wagoduka nako konke oko. Umalume wakhe wamncedisa ukugqobhoza imingxuma kwiziciko zebhotile ngehamile waza wazidibanisa ngocingo. Ezo ziciko wazibophelela esinqeni sebhotile. Wathatha imitya wayincamathelisa entloko ngegglu, efakela namaso ekugqibeleni. Emva koko wazingca xa abonisa ngembongi yakhe enguNkosikazi Khuzwayo!




“NDIYEKE TORHO!” Kwabakho into eyaluma uZama entanyeni. Waguquka ngokukhawuleza ebheka waze wabona uTebogo emncumele. “Ndiyeke torho!” watsho efutha.

Kodwa ke kwakungcono neso siphazamiso. Kaloku isikolo sasidika kakhulu ngamanye amaxesha. Ukufunda kona kwakumnandi kakhulu. Ukudibana nabahlobo esikolweni nako kwakumnandi. Ukuqhulana nokuncitha amakhwenkwe kwakumnandi ngeyona ndlela. Kodwa izifundo ezininzi zazikruqula.

UZama wafulathela uTebogo ukuze aphulaphule uNkosikazi Dlamini, owayesathi “... thathani intlama yephepha yenu. Isitya sibe sinye kwiqela ngalinye. Phumani phandle nenze ipapethi yomntu eninomdla kuye. Emva koko ke iqela ngalinye kufuneka liyile umboniso. Kufuneka liqale lazise abalinganiswa balo. Kufuneka libenze bathethe kwaye benze izinto. Yenzani umdlalo weqonga omfutshane. Kulungile ke, Zama noLindiwe noTebogo, niliqela lokuqala. Yizani.”





They dipped their hands into their tub and scooped up the paste. It felt sticky and messy! They put it onto the wire.



Zama took Lindiwe's hand. "Come, quickly. Isn't this good? I am going to make Booth. My uncle says he's a killer. He's done amazing things."

"Who is Booth? I don't want to make up a murder story!" said Lindiwe.

"He's not that kind of killer! He is a Bafana Bafana defender," Zama laughed.

They went up to the bucket, where Mrs Dlamini was smiling warmly as she plopped a spoonful of lumpy goo into their tub.

"What's this?" Tebogo asked.

"It is papier-mâché," Mrs Dlamini said. "To make it you mash up egg boxes, water, salt and flour. Now go outside and shape the chicken wire into your character. Then paste this goo around the chicken wire to bring your character to life."

They all hurried outside and were keen to start. They bent bits of chicken wire to make skeletons.

"Who are you making?" Zama asked Lindiwe.

"Mama Khulu! She is soooo big! And soooo strong. When any of the guys gets cheeky with her at her place, she shouts at them loudly. Then they shut up. They know! Give her trouble and she will whip out her sjambok and chase you away! I will make her with her hands on her hips, like this."

Uzama wabamba ulindiwe ngesandla. "Yiza, khawuleza. Ingaba wokwenene. Wenze izinto ezimangalisayo?"

"Ngubani uBooth? Andifuni kwenza bali lokubulala ma?" kwatsho ulindiwe.

"Akali olo hlobo lombulali? Ungomnye wabadlali basemva kwigela leBafana Bafana." kuhleka uZama.

Bayakuloo emele, apho uliNkosikazi Dlamini wayetsho ngoluhle uncumo lo gama agalida icephe lendama enezigalaxa kweso sitya sabo.

"Yintoni le?" kwabuza uTebogo.

"Yindama yephapha," kwatsho uliNkosikazi Dlamini. "Xa uyenza utatha ibhokisi zamaganda uzikrazule ugalede amanzi, iyiswa nomgubo wengqolowa uzamis, uculha konke. Ngoku ke phumani phandle nize ngobe ucingo oluthambileyo nenze imilo yomlinganiswa wenu. Nize nincamathelise le ndama kolo cingo ukuze abonakale umlinganiswa wenu ukuba ngubani na?"

Bonke baphuma phandle bethakazela ukugaliswa. Bagoba imkatha sabo zocingo oluthambileyo besenza uphahla lomzimba.

"Wenza bani?" uzama wabuza ulindiwe.

"Umama uMkhulukazi! Yho mkhulu kakhuluuulu! Kwaye wombele kakhuluuulu. Xa amakhwenkwe emshika phaya kwakhe, uyawakhwaza awangxolise. Emva koko aphi cwaka. Ayayazi! Ekhe nje enza inkathazo, uti thuthu imvubu yakhe awaleqe awagxohl' Ndiza kumenza ebambile izandla zakhe esingeni ngolu hlobo?"

Bafaka izandla sabo esityeni sabo bakha loo ndama. Yayincangathi, ingcolisal Bayincamathelisa kuphahla locingo lwabo.



Back at school, Zama spiralled brown string round and round for the head and chest. She wound fatter rope over and over for the head and chest. She made muscled arms and legs. Later, at home, her granny found small scraps of yellow and green cloth. She helped Zama make Booth's Bafana soccer kit.

Ukubuyela kwabo esikolweni, uZama wajijela umtya obrwani, ethandela uphahla lomzimba wocingo. Wabopha ethandela intambo etyebileyo, esenza indoko nesituba. Wenza imigalo ezindembelele nemilenze enziqa. Ukuphuma kwesikolo, ekhaya, umakhulu wakhe wafumana iziqwengana zamalahpu ayiheli kunye naluhlaza. Wancedisa uZama ukwenza impahla yokudlala kaBooth yegela leBafana Bafana.

Lindiwe tied sticks together for Mama Khulu's skeleton – they were smooth, curved and strong. She tied two old, scratched marbles into some stocking and wound them onto the chest stick. They became big, bouncy breasts. She put a round pebble inside another piece of stocking. Around it she twirled more old stocking, making the head. Then she squashed some bubble wrap into small balls. She balanced these carefully on the upper sides of the leg sticks to make hips. She wound more stocking around the hips. When she had finished, her figure looked just like Mama Khulu! Curvy, sturdy, strong!

UliNdiwe wadibanisa izinti wazibophelela, wenza uphahla lomzimba kaMama uMkhulukazi – zazigudile, zingqukuva kwaye zomelele. Wadibanisa amabhasile amabini anemikrvelo ngekawusi waze wawabophelela esifubeni. Yaba ngamabele amakhulu ashukumayo. Wafaka ilityana elingqukuva kwesinye isiqwengana sekawusi. Wathandela ezinye iikawusi ezindala kuyo, esenza intloko. Waze ke washwabanisa iplastiki yokusongela izinto wayenza yaziibhola ezincinane. Wakuxhasa ekulungelelanisa oku ngononophelo ngentla kwemilenze, esenza amahleza. Wathandela ezinye iikawusi kuloo mahleza. Ukugqiba kwakhe, umlinganiswa wakhe wafana nqwa noMama uMkhulukazi! Eyiloo ngqukuva, yomeleleyo nenamandla!



But the next day Daisy climbed even higher, right up to the top of the rondavel. Flap, flap, flap – Daisy flapped her wings.

Kodwa ngosuku olulandelayo uDaisy wakhwela karontable. Bhaku, bhaku, bhaku, bhaku – uDaisy wabhakuzelisa amaphiko akhe.



She would lift off the ground, but fall down again.

Wayebhabha nje umzuzwana asuke emhlabeni, kodwa aphinde awele phantsi.




So ... flap, flap, flap – every day Daisy would flap her wings.

Kwaghubeka ke ... bhaku, bhaku, bhaku – uDaisy wayebhakuzelisa amaphiko akhe yonke imhla.



“When I grow up, I want to fly high into the sky,” Daisy said.



“Xa ndimdala, ndifuna ukubhabha ndintingele phezulu esibhakabhakeni,” kwatsho uDaisy.

But all the other chickens laughed at her.

“You are so weird,” they said. “We won’t play with you anymore.”

Kodwa amanye amantshontsho asuka amhleka.



“Uyamangalisa ngokuba nemiqwenozimbo ezingaqhelekanga,” atsho amanye. “Sobe siphinde sidlale nawe thina.”



While she practised, she imagined herself flying high into the sky and looking at the chickens below. She imagined herself flying past the sparrows and past the swallows.


“Wow!” the birds would say, “A chicken that can fly!”

Xa wayemane ezama, wayenomfanekiso-ntelekelelo wakhe ebhabha entingela phezulu esibhakabhakeni. Wayenomfanekiso wakhe entingela phezulu, edlula ezingqabeni nasezinkonjani.

“Yho!” zazizakuvakala zisitsho iintaka. “Intshontsho lenkukhu elibhabhayo!”

“Daisy, we can all flap our wings, but it’s very difficult for chickens to fly,” Mama told her.

“Daisy, sonke siyakhwazi ukubhakuzelisa amaphiko ethu, kodwa kunzima kakhulu ukuba iinkukhu zibhabhe,” uMama watsho xa exelela uDaisy.



Daisy wouldn’t give up. Every day she practised by herself, flapping her wings. Flap, flap, flap – she would flap her wings, but she couldn’t get off the ground.

Kodwa uDaisy wayengafuni kuncama. Yonke imihla wayezama ukuziqeqesha eyedwa, abhakuzelise amaphiko akhe. Bhaku, bhaku, bhaku – wayebhakuzelisa amaphiko akhe, kodwa wayengakhwazi ukuntinga asuke emhlabeni.



She flew into the air and flapped her wings ... and flapped her wings ... and flapped her wings ...

Wabhabhela emoyeni ebhakuzelisa amaphiko akhe ... waphindelela ebhakuzelisa amaphiko akhe ... waphinda kwakhona wabhakuzelisa amaphiko akhe waze ...



... she kept flying! The wind beneath her wings grew stronger and stronger and she flew higher and higher!

The sparrows and the swallows said, “Amazing! A flying chicken!”

... tyhini, nanko eqhubeka ebhabha engawi! Umoya ophantsi kwamaphiko akhe waya usanda ngokwanda waze wamfukulela phezulu ze wabhabha entinga esiya phezulu nangakumbi!

Iingqabe kunye neenkonjane zathi, “Saza sawubona umhlola! Nantso inkukhu ibhabha!”

## Nal'ibali news

**On 31 August 2016, at the Soweto Theatre, Nal'ibali launched its second Story Bosso nationwide storytelling talent search!**

The launch kicked off a month-long search in September (Literacy and Heritage Month) for the ultimate Story Bosso of 2016. The aim of the Story Bosso talent search was to motivate more people in South Africa to tell stories and read aloud to others. It showcased a range of local stories (in all South African languages), and also helped to identify undiscovered storytellers in communities across the country.


"Stories are a powerful way to immerse children in early literacy development, and to empower young girls and boys. It is vital that children see themselves, their language and their culture represented in the stories they hear, read and tell," said Jade Jacobsohn, Managing Director of Nal'ibali.

People of all ages – children, parents, caregivers, teachers and librarians – were invited to take part in Story Bosso. Various local celebrities – Sindiwe Magona, Lauren Beukes, Suzelle DIY, Rob van Vuuren and Soli Philander – contributed their time to this campaign because of the important role stories play in their lives.

Read more about Story Bosso 2016 and about the winner in a forthcoming edition of the Nal'ibali Supplement due out in the first school term of 2017!


“Stories are not just for children – they are for everybody. They're about life. Sindiwe Magona”

“Stories are amazing! They are how we understand each other and the world. They are how we live outside of ourselves. Lauren Beukes”



Actor, professional storyteller and Nal'ibali Literacy Mentor, Bongani Godide, entertains the audience with a story.

Umdlali weqonga, ingcali yombalisi-mabali kunye noMcebisi okhankathela iLitheresi wakwaNal'ibali, uBongani Godide, esonwabisa ababukeli ngokubabalisela ibali.



## Iindaba zakwaNal'ibali

**Ngomhla wama-31 kweyeThupha kowama-2016, eSoweto Theatre, uNal'ibali wasungula ukhuphiswano lwesibini lukazwelonke lweStory Bosso olumalunga nokukhangelwa kwetalente yokubalisa amabali!**

Oku kusungulwa kokhuphiswano kwaqalisa umsebenzi wokuzingelwa kwale talente owaqhuba inyanga yoMsintsi yonke (iNyanga yeLitheresi kunye naMafa) kukhangelwa oyena mntu uza kuba nguStory Bosso wonyaka wama-2016. Injongo yokhuphiswano lweStory Bosso kukukhuthaza abantu abaninzi kangangoko eMzantsi Afrika ukuba babalise amabali okanye bafundele abanye ngokuvakalayo. Kwabaliswa uthotho lwamabali alapha ekhaya (ngazo zonke iilwimi zaseMzantsi Afrika), kwaze kwanceda nasekuchongweni kwababalisi-mabali abebengaziwa luluntu, kulo lonke eli lizwe.

"Amabali sisixhobo esinamandla kakhulu sokufaka abantwana kuphuhliso lwelitheresi yabaselula, kwakunye nokuxhobisa amantombazana namakhwenkwe amancinane. Kubaluleke kakhulu ukuba abantwana bazibone, beve ulwimi lwabo babone nenkcubeko yabo kumabali abawaphulaphulayo, abawafundayo kunye nabawabalisayo," utshilo uJade Jacobsohn, onguMlawuli oyiNtloko wakwaNal'ibali.

Abantu ababudala bahlukileyo – abantwana, abazali, iimpelesi, ootitshala kunye noothala – bamenywa ukuba bathathe inxaxheba kukhuphiswano lweStory Bosso. Inlaninge yoosaziwayo balapha ekhaya – ooSindiwe Magona, ooLauren Beukes, ooSuzelle DIY, ooRob van Vuuren kunye nooSoli Philander – banikezela ngexesha labo kweli phulo ngenxa yendima ebalulekileyo edlalwa ngamabali ebomini babo.

Funda ngaphezulu malunga noStory Bosso wonyaka wama-2016 kunye nophumeleleyo kuhlelo oluzayo lweNal'ibali oluya kupapashwa kwikota yonyaka yokuqala ngexesha lesikolo kowama-2017!


“Amabali ayamangalisa! Ayindlela esithi siqondane ngayo singabantu kwakunye nehlabathi esikulo. Ayindlela esiphila ngayo ubomi obungekho ngaphakathi kuthi. NguLauren Beukes”



Neo poses with some of the children in a specially designed photo frame at the Story Bosso 2016 launch.

UNeo emi kunye nabanye abantwana kuphahla lwefoto olwenziwe ngokukhethekileyo kumsitho wokusungula ukhuphiswano lweStory Bosso lowama-2016.

# The best, best friend



By Jude Daly ✨ Illustrations by Magriet Brink and Leo Daly

Layla loved jigsaw puzzles. She loved everything about them – from the picture on the box to the moment when she fitted the last piece in its place. She even liked the sound and the feeling of the pieces as she shifted them around on the table. So every Saturday morning, when Layla’s mother took her to the library to change her library books, Layla also took out a puzzle.

Now, the librarian kept all the puzzles on a shelf behind her desk and each Saturday when Layla asked if she could look for a puzzle to borrow, the librarian would say, “Wow, Layla, but you are puzzle mad!” And Layla didn’t mind at all because she WAS puzzle mad!

Most Saturdays after the library, Shireen, Layla’s best friend, came over to play. Well, she was almost Layla’s best friend, except for one thing – Shireen had to be the best at everything.

One Saturday morning, Layla borrowed a puzzle of an African fish eagle from the library. The picture showed the bird high up in the sky with its wings spread wide and a fish in its claws. The puzzle had more pieces than any puzzle Layla had ever done. And not only that, the pieces were also smaller than any puzzle Layla had done. Layla could not have been happier! But Shireen was not at all happy because all Layla wanted to do was start the puzzle.



“I don’t want to do a boring puzzle,” said Shireen. “Let’s rather play shop-shop.”

“Okay,” said Layla, “and then we’ll do my puzzle.”

“I’ll be the shopkeeper,” said Shireen, “because I’m best at being the shopkeeper, and you can be my customer.”

Soon Layla had spent all her money. Then Shireen said, “Let’s play hospitals.”

“No,” said Layla. “I played shop-shop. Now let’s do my puzzle.”

But for some reason, Shireen still did not want to do the puzzle, so she said, “Let’s play hospitals now and then we can do the puzzle after lunch.”

And so that’s what they did.

“I’ll be the doctor,” said Shireen.

“No, you were the shopkeeper,” said Layla. “I’ll be the doctor.”

“But you can’t be,” said Shireen, “because I’m best at being the doctor.”

So, Shireen was the doctor and Layla was the sick person!

When Doctor Shireen started to examine the sick person, she tickled the sick person and the sick person got the giggles and wouldn’t lie still. So Doctor Shireen shouted, “Keep still or I won’t play with you anymore.”

But before Doctor Shireen could get any more cross, Layla’s mother called them for lunch.

“I hope you girls are having a good time,” said Layla’s mother.

“Yes,” said Layla who was about to bite into her yummy roti filled with peanut butter, grated carrots and sultanas.

“After lunch we are going to do my puzzle.”

“I don’t want to do your puzzle,” said Shireen.

“But you promised,” said Layla.



“Well, now I don’t want to. I want to do some colouring in,” said Shireen.

By now, Layla was tired of Shireen’s “I-am-the-best-at-everything” talk and cross with her for breaking her promises. Nothing was going to stop her from doing the puzzle. So after lunch, Layla gave Shireen a colouring-in book and some crayons so that Shireen could colour in while she did the puzzle. But there was only one picture left to be coloured in in the colouring-in book and Shireen soon finished it. Then she held it up to show Layla and said, “You’re so slow!”

“That’s because this puzzle is hard,” said Layla.

“I bet I could do it faster than you,” said Shireen.

“Okay,” said Layla, “when I have finished it, you can try doing it and then let’s see!”

“Okay,” said Shireen, “but only if I want to.”

Once Layla had finished the puzzle, she broke it up. She put all the pieces back into the box except for the piece with the eagle’s eye on it. And then she gave the box to Shireen.

“Here you go,” she said, “your turn now.”

“I don’t feel like it,” said Shireen.

“But you promised!” said Layla.

“No, I didn’t!” Shireen shouted. “I said only if I wanted to and I don’t want to.”

“Maybe you don’t want to because you can’t do puzzles,” said Layla.

“I can!” Shireen shouted back. “I’m the best at puzzles!”

“So do it then,” said Layla.

Shireen grabbed the box from Layla. “I will,” said Shireen, “but only if you go and play outside. I’ll call you once I’ve finished it.”

Layla went outside and drew some pictures in the sand with a stick while, inside, Shireen opened the puzzle box and started turning the puzzle pieces picture-side up.

Outside, Layla found a piece of old rope and tied it around the loquat tree so that when Shireen was finished with the puzzle they could play skipping. But inside, Shireen was struggling to fit the pieces of the puzzle together. She wished that she had not said that she was the best at puzzles. Quickly, she broke up the bit of the puzzle she had managed to do and put all the pieces back into the box. Then she ran outside and called to Layla who by now had climbed high up in the loquat tree, “I’ve finished!”

“All of it?” asked Layla.

“Yip,” said Shireen and she began climbing up into the tree.

“Stop!” Layla shouted back. “I’m coming down to see.”

“But I have packed the puzzle away already,” said Shireen.

“Why?” asked Layla.

“So that you don’t have to pack it away later,” replied Shireen.

“Oh,” said Layla, “but what about this piece?” She held up the piece with the eagle’s eye on it that she had kept.

Shireen went very quiet. She sat in the tree feeling foolish.

After a little while, Layla shouted, “Hey, guess what, I found some ripe loquats. Do you want some?”

“Yes, please,” said Shireen in a teeny little voice.

Layla climbed down to the lower branch where Shireen was sitting and handed her some. And there they sat, eating loquats and seeing how far they could spit the pips.

Shireen spat the furthest.

“You’re the best,” said Layla.

“And you,” said Shireen, “are the best, best friend.”



ULayla wayezithanda iiphazili eziyimifanekiso. Wayethanda nje yonke into ngazo – ukususela emfanekisweni osebhokisini ukuya kumzuzu afaka ngawo iceba lokugqibela endaweni elingena kuyo kwiphazili. Wayethanda nkqu nesandi kunye nendlela la maceba ephazili ayevakala ngayo eminweni yakhe xa emana ezisa ngapha nangapha ewajikelezisa okanye ewaqhuba etafileni. Ngoko ke qho ngoMgqibelo kusasa, xa umama wakhe emsa kwithala leencwadi xa ebuyisela iincwadi ukuze aboleke ezinye, uLayla wayebileka nephazili yemifanekiso.

USothala wayezigcina zonke iiphazili kwishelufa esemva kwedesika yakhe kwaye qho ngoMgqibelo xa uLayla ecela ukujonga ukuba uza kuboleka eyiphi iiphazili, usothala wayedla ngokuthi

“Wowu, Layla, awuzithandi uphambene iiphazili!” Naye ke uLayla wayengakukhathalele nganto oku kuba ngokwenene ZAZIMPHAMBANISA nyhani iiphazili!

NgeMigqibelo emininzi emva kokuba kubuyiwe kwithala leencwadi, uShireen, oyena mhlobo usenyongweni kaLayla, wayesiza kudlala naye. Kaloku, wayephantse abe ngoyena mhlobo uthandwa kakhulu nguLayla, qha wayenento enye nje embi – uShireen wayesoloko efuna ukuba yincutshe kwinto yonke.



Ngenye intsasa yangoMgqibelo, uLayla wabileka iiphazili yomfanekiso kanomakhwezana kwithala leencwadi. Lo mfanekiso wawubonisa le ntaka iphezulu esibhakabhakeni itweze amaphiko ayo, ibambe intlanzi ngeenzipho zayo. Le phazili yayinamaceba amaninzi kunazo zonke awakha wazidibanisa uLayla. Kwakungaphelanga apho, amaceba ale phazili ayemancinane kunazo zonke iiphazili awakhe wazidibanisa. Wayengasavuyi ngako uLayla! Kodwa uShireen wayengonwabanga kwaphela kuba yayinye nje kuphela into eyayifunwa nguLayla, yayikukudibanisa iiphazili yakhe.

“Andifuni kudibanisa phazili ekruqulayo mna,” kwatsho uShireen.

“Kungcono sidlale umdlalo wevenkile.”

“Kulungile ke,” wavuma uLayla, “emva koko ke siza kudibanisa iiphazili yam.”

“Ndiza kuba ngunovenkile ke mna,” watsho uShireen, “kuba kaloku ndiyincutshe kanovenkile, wena ke ungangumthengi wam.”

Kungekudala uLayla wathenga ngayo yonke loo mali yakhe. Kwakubanjalo ke uShireen wathi, “Masidlale umdlalo wesibhedlele.”

“Hayi,” wanqanda uLayla. “Bendidlalile nawe ivenkile. Ngoku masidibanise iiphazili yam.”

Kodwa ngasizathu sithile, uShireen wayengekafuni ukuyidibanisa iiphazili, ngoko ke wathi, “Masidlale umdlalo wasesibhedlele ngoko size ke emva kwesidlo sasemini sidibanise iiphazili.”

Benza ngokweminqweno kaShireen.

“Ndiza kuba ngugqirha,” watsho uShireen.

“Hayi, ubungunovenkile,” watsho uLayla. “Mna ke ndiza kuba ngugqirha.”

“Kodwa awukwazi ukuba ngugqirha,” watsho uShireen, “kuba uyazi ndim oyincutshe ekubeni ngugqirha.”

Ngenene ke, uShireen wabangugqirha waze ke uLayla yena wasisigulane!

Wathi xa aqalisa uGqirha Shireen ukuxilonga isigulane, saza isigulane sananjuzelelwa saze sagigitheka, asakwazi ukulala sizinze. Oko kwenza uGqirha Shireen ukuba asikhwaze, asingxolise, “Sukushukuma okanye andiphindi ndidlale nawe kwakhona.”

Kodwa phambi kokuba uGqirha Shireen acaphuke nangakumbi, umama kaLayla wababizela isidlo sasemini.

“Ndiyathemba ukuba nidlala kamnandi mantombazana,” watsho umama kaLayla.

“Ewe,” watsho uLayla owayesele elungele ukuluma iruti yakhe emnandi nezele ibhotolo eyenziwe ngamandongomane, iminqathe ecukuceziweyo neesultana. “Emva kwesidlo sasemini siza kudibanisa iiphazili yam.”



“Andifuni kudibanisa phazili yakho mna,” watsho uShireen.

“Kodwa ubuthembisile nje,” watsho uLayla.

“Kunjalo, kodwa ngoku andisafuni. Ndifuna ukufaka imibala emifanekisweni,” watsho uShireen.

Ngoku, uLayla wayesele edikiwe kwaphela nguShireen nentetho yakhe “yokuba yincutshe kwinto yonke” kwaye wayemqumbele kuba engazigcini izithembiso zakhe. Kwakungekho nto yayiza kuminqanda ekudibaniseni iiphazili yakhe. Ngoko ke emva kwesidlo sasemini, uLayla wanika uShireen incwadi yokufaka imibala emifanekisweni kunye neekhrayoni ukuze uShireen afake imibala lo gama yena edibanisa iiphazili yakhe. Kodwa ngelishwa kwakusele kushiyeke umfanekiso omnye kuphela ongenamibala, waze uShireen wakhawuleza wagqiba ukuwufaka imibala. Akugqiba wawuphakamisa ebonisa uLayla waze wathi, “Awusacothi nje!”

“Kungenxa yokuba le phazili inzima,” watsho uLayla.

“Ndiqinisekile ukuba ndingayenza ngokukhawuleza kunawe,” watsho uShireen.

“Kulungile,” watsho uLayla, “xa ndiyigqibile, uzukhe uzame ukuyidibanisa size sibone ke!”

“Kulungile,” watsho uShireen, “kodwa kuphela ukuba ndiyafuna.”

Wathi emva kokuba egqibile ukuyidibanisa iiphazili uLayla, wayichitha kwakhona. Wafaka onke amaceba ayo ebhokisini ngaphandle kweceba elinye elineliso lokhozi kulo. Waza wanika uShireen loo bhokisi.

“Nantsi iiphazili,” watsho, “lithuba lakho lokuyidibanisa ke ngoku.”

“Andifuni kuyidibanisa,” watsho uShireen.

“Kodwa ubuthembisile nje!” watsho uLayla.

“Hayi, khange ndithembise!” wakhwaza uShireen. “Bendithe nje ukuba ndiyafuna kwaye ke ngoku andifuni.”

“Mhlawumbi awufuni kuba awukwazi kudibanisa iiphazili,” watsho uLayla.

“Ndiyakwazi!” wakhwaza uShireen. “Ndiyincutshe ekudibaniseni iiphazili!”

“Ukuba kunjalo yidibanise kaloku,” watsho uLayla.

UShireen wayithi hlasi loo bhokisi esandleni sikaLayla. “Ndiza kuyidibanisa,” watsho uShireen, “kodwa ndiza kuyidibanisa kuphela ukuba uyaphuma uye kudlala phandle. Ndiza kukubiza xa ndiyigqibile.”

ULayla waphuma phandle waze wazoba imifanekiso entlabathini ngoluthi lo gama, phaya ngaphakathi endlwini, uShireen evula ibhokisi yephazili ze aqalise ukuguqula amaceba ephazili ukuze kubonakale eli cala linemifanekiso.

Phaya phandle, uLayla wachola umtya waze wawubophelela emthini womgwenye ukuze xa uShireen eyigqibile iiphazili, badlale ugqaphu. Kodwa phaya ngaphakathi endlwini, uShireen wayesokoliswa kukudibanisa amaceba ephazili ukuze enze umfanekiso opheleleyo. Wayenqwenela ukuba akwaba ebengatshongo ukuba uyincutshe yokudibanisa iiphazili. Ngokukhawuleza wayichitha indawo yephazili ebesele eyidibanisile waze wafaka onke loo maceba ayo kwasebhokisini. Wabaleka waphuma, wakhwaza uLayla owayesele ekhwele phezulu emthini womgwenye. “Ndiyigqibile!”

“Uyidibanise yonke?” wabuza uLayla.

“Ngqo,” watsho uShireen waza waqalisa ukugwencela, esenyuka apho emthini.

“Yima!” uLayla wamkhwaza. “Ndiyehla ndifuna ukuzibonela.”

“Kodwa sele ndiyichithile, ndawaqokelela amaceba ndaza ndawabeka,” watsho uShireen.

“Kutheni?” wabuza uLayla.

“Ukuze kungabikho mfuneko yokuba uyiqokelele sakugqiba ukudlala,” waphendula uShireen.

“Owu,” watsho uLayla, “kodwa uthini ngeli iceba?” Waphakamisa iceba elineliso lokhozi awayeligcinile.

UShireen wathi cwaka, akathetha. Wahlala kuloo mthi eziva esisidenge.

Emva kwexeshana, uLayla wakhwaza, “Hee, qashela ukuba ndifumene ntoni, ndifumene iingwenye ezivuthiweyo. Uyazifuna?”

“Ewe, ndingavuya,” watsho uShireen ngelizwi elincinane nelinkwinizayo.

ULayla wehlela kwisebe

elingezantsi emthini waya apho uShireen wayehleli khona, wamnika iingwenye. Bahlala apho bobabini, besitya iingwenye, bethifa iipete, bejonga ukuba ngubani phakathi kwabo ozitshicela kude.

UShireen watshicela kude kakhulu.

“Uyincutshe,” watsho uLayla.

“Wena ke,” watsho uShireen,

“ungoyena-yena mhlobo wam ndimthandayo.”



# Nal'ibali fun Okokuzonwabisa kwakwaNal'ibali



✿ First find **eight** differences between these two pictures. Then write a different holiday message in each banner.

✿ Kuqala, khangela izinto **ezisibhozo** eyohluke ngazo le mifanekiso mibini. Emva koko ke ubhale umyalezo owohlukileyo weholide kwibhena nganye.



✿ Here is a message written in a secret code. Can you work out what it says?

In the message, each letter of the alphabet has been replaced by a number. Write the letter below each number to work out what the message says. Use the blue code-breaker table to help you.

|    |   |  |   |    |    |   |  |    |    |    |  |   |   |    |   |  |   |
|----|---|--|---|----|----|---|--|----|----|----|--|---|---|----|---|--|---|
| 23 | 5 |  | 8 | 15 | 16 | 5 |  | 25 | 15 | 21 |  | 8 | 1 | 22 | 5 |  | 1 |
|    |   |  |   |    |    |   |  |    |    |    |  |   |   |    |   |  |   |

|    |    |    |   |   |    |   |    |    |  |   |    |    |   |   |   |    |   |
|----|----|----|---|---|----|---|----|----|--|---|----|----|---|---|---|----|---|
| 23 | 15 | 14 | 4 | 5 | 18 | 6 | 21 | 12 |  | 8 | 15 | 12 | 9 | 4 | 1 | 25 | ! |
|    |    |    |   |   |    |   |    |    |  |   |    |    |   |   |   |    |   |

✿ Nanku umyalezo obhalwe ngekhowudi eyimfihlo. Ungakwazi ukuwutolika ukuba uthini?

Kulo myalezo, indawo kanobumba ngamnye wealfabhethi imelwe linani. Bhala unobumba phantsi kwenani ngalinye ukuze uzame ukukhangela ukuba uthini na umyalezo. Sebenzisa isicwangciso esizuba sokutolika ikhowudi ukuze sikuncede ukufumana lo myalezo.

|    |   |    |   |    |   |   |    |   |   |  |    |    |    |   |   |
|----|---|----|---|----|---|---|----|---|---|--|----|----|----|---|---|
| 19 | 9 | 25 | 1 | 20 | 8 | 5 | 13 | 2 | 1 |  | 21 | 11 | 21 | 2 | 1 |
|    |   |    |   |    |   |   |    |   |   |  |    |    |    |   |   |

|    |    |   |  |    |    |   |   |  |    |   |   |    |    |   |   |   |
|----|----|---|--|----|----|---|---|--|----|---|---|----|----|---|---|---|
| 21 | 26 | 1 |  | 11 | 21 | 2 | 1 |  | 14 | 5 | 8 | 15 | 12 | 9 | 4 | 5 |
|    |    |   |  |    |    |   |   |  |    |   |   |    |    |   |   |   |

|   |    |    |    |    |   |   |
|---|----|----|----|----|---|---|
| 5 | 13 | 25 | 15 | 12 | 9 | ! |
|   |    |    |    |    |   |   |

Impendulo: Siyathemba ukuba uza kuba neholide emyolli!  
Answer: We hope you have a wonderful holiday!

|    |    |    |    |    |    |    |    |
|----|----|----|----|----|----|----|----|
| A  | B  | C  | D  | E  | F  | G  | H  |
| 1  | 2  | 3  | 4  | 5  | 6  | 7  | 8  |
| I  | J  | K  | L  | M  | N  | O  | P  |
| 9  | 10 | 11 | 12 | 13 | 14 | 15 | 16 |
| Q  | R  | S  | T  | U  | V  | W  | X  |
| 17 | 18 | 19 | 20 | 21 | 22 | 23 | 24 |
| Y  | Z  |    |    |    |    |    |    |
| 25 | 26 |    |    |    |    |    |    |

✿ Use the blue code-breaker table to write your own secret messages to a friend.

✿ Sebenzisa esi sicwangciso sizuba sokutolika ikhowudi, ubhalele umhlobo wakho imiyalezo yakho eyimfihlo.

Don't forget that we will be taking a break until the week of 29 January 2017. Enjoy the holidays, and join us after the holiday for more Nal'ibali reading magic! In the meantime, visit [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) or [www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi) to find stories and reading-for-enjoyment inspiration.



Visit us on Facebook:  
[www.facebook.com/nalibaliSA](http://www.facebook.com/nalibaliSA)  
Sindwendwele kuFacebook:  
[www.facebook.com/nalibaliSA](http://www.facebook.com/nalibaliSA)

Ungalibali ukuba siza kukhe sithathe ikhefu kude kube yiveki yomhla wama29 kweyoMqungu kowama-2017. Yonwabela iholide zakho uze usijoyine kwakhona emva kweholide ukuze ufumane ubugqi obongezelelekileyo bokufunda bakwaNal'ibali. Okwalo mzuzu, ndwendwela ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) okanye ku-[www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi) ukuze ufumane amabali kunye novuselelo lokufundela ukuzonwabisa.

Produced for Nal'ibali by the Project for the Study of Alternative Education in South Africa (PRAESA) and Times Media Education. Translation by Nobuntu Stengile. Nal'ibali character illustrations by Rico.